URhulumente weNtshona Koloni
EzeMfundo

ICandelo loLawulo lwezaBasebenzi ngoBuchule

Isalathiso: 20210927-6193
Inombolo yefayili.: 3/3/R
Imibuzo: PMPS.PMPS@westerncape.gov.za

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lwezaBasebenzi ngoBuchule: 0009/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kumaSekela Balawuli, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso yeKharityhulam kwiZithili, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kuBafundi kwiZithili, kwiiNqununu, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBasebenzi beNkonzo kaRhulumente nakooTitshala

Isihloko: Ukuhanjiswa kweKhweshine yoLawulo loKushiya iNkonzo koMqeshwa *(Exit Management Questionnaire)*

1. Ukwenzela ukuba kuthotyelwe uMmiselo i-*Department of Public Service and Administration's (DPSA) Determination and Directive,* wokumisela inkqubo yodliwano-ndlebe lokushiya inkonzo kwinkonzo karhulumente okhutshwe ngokwecandelo 3 (2) no 41 (3) le-*Public Service Act, 1994 (Proclamation 103 of 1994),* elifundwa kunye noMmiselo *69(4) of the Public Service Regulations, 2016, owa*papashwa kwiGazethi kaRhulumente No 40167 ye-29 Julayi 2016, bonke abaqeshwa abashiya inkonzo yeSebe leMfundo leNtshona Koloni (i*WCED*) ngenxa yokungaphili okanye umenzakalo, umhlala-phantsi nokuyeka emsebenzini *(resignation),* bafanele ukuzalisa le Khweshine yoLawulo loKushiya iNkonzo koMqeshwa iqhotyoshelweyo. Umyalelo ovela kwi-*DPSA* ngokumalunga noku, uqhotyoshelwe apha ukwenzela ukuba kube lula ukuba ufundwe.

2. Iikhweshine ezizalisiweyo ziya kuhlalutyelwa ukufumanisa ukuba ingaba kutheni na abaqeshwa belishiya isebe eli yaye ngawaphi amanyathelo anokulungisa le meko anokuphunyezwa liSebe i*WCED* ukugcina abaqeshwa abanezakhono nabanobuchule.

3. Kubaluleke gqitha ukuba abaqeshwa mabazalise onke amacandelo kwikhweshine ukwenzela ukuba uhlalutyo olo lunike ingcaciso kangangoko. Ingcaciso enikiweyo kule khweshine yokushiya inkonzo iya kuthathwa njengeyimfihlo ngokungqongqo.

4. Kwiinzame zokubonelela ngeenkonzo engasebenzisi maphepha kunye nokwenza kube lula kuwe, ikhweshine yokushiya inkonzo komqeshwa inokuzaliswa ngekhompyutha ngokusebenzisa le linki ilandelayo: https://forms.office.com/r/7ngM2G2pKS.

5. Ikhweshine esephepheni iyafumaneka nayo ukwenzela ukuba izaliswe (iqhotyoshelwe apha kule ngcaciso imfutshane). Ikhweshine ezizalisiweyo mazithunyelwe nge-imeyili ku: PMPS.PMPS@westerncape.gov.za

6. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane bonke abasebenzi abaphantsi kolawulo lwakho ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-LJ ELY
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEENKONZO ZEZIKO
UMHLA: 2021-10-07